UVavanyo lokuKrala kwamaLungu angaSese (Genital Inflammation Test) (GIFT) lothintelo lwe-HIV

Uvavanyo olukhawulezayo olwenziwa kwisayithi yokhathalelo lunokuba negalelo kulawulo lwe-STI ne-BV.

UMicaela Lurie ngumfundi we-PhD kwiiNzululwazi ngeeNtsholongwane kwezoNyango kwiYunivesithi yaseKapa.

ORCID ID:
https://orcid.org/0000-0002-6993-0420

Ubukho jikelele be-HIV eMzantsi Afrika kwabasetyhini abaphakathi kwe-15 ukuya kuma-49 yeminyaka ngama-25,8%. Aba basetyhini bachatshazelwa kakhulu xa kuthelekiswa namadoda akubudala neqela leminyaka elilingana nelabo, apho ubukho jikelele buli- 15% kuphela.

Omnye woonobangela abakhulu bomngcipheko we-HIV kwabasetyhini abasebatsha kukukrala kwamalungu angasese, oko okonyusa umngcipheko wokuyifumana ngokuphindwe kathathu. Okubalulekileyo, kodwa kunyangeka, oonobangela bokukrala kothungelwano lwamalungu angasese abasetyhini lusulelo olosulela ngokwabelana ngesondo kunye nebacterial vaginosis.

Ukuba azinyangwanga, usulelo olosulela ngokwabelana ngesondo nebacterial vaginosis zinokukhokelela kwisifo sokukrala kwamarhorho, ukonzakala kweetyhubhu zefallopian, iziva kuthungelwano lwamalungu okuzala aphezulu kunye nako na ukungabi nayo inzala.

Ulawulo lweqela leempawu ezinokuba zisekelwe kwezofuzo olusetyenziswa kuluntu lwaseMzantsi Afrika kukholwa ukuba alusebenzi ekufunyanisweni kosulelo olosulela ngokwabelana ngesondo kunye nebacterial vaginosis, kuba iimeko ezikhoyo ziyaphoswa okanye zinganyangwa ixesha elininzi, oko kuqaqambisa imfuno yezicwangciso zongenelelo eziphuculweyo.

I-GIFT (Genital Inflammation Test), uvavanyo olukhawulezayo kwisayithi yokhathalelo, luza kuphuhliswa ukuphucula ulawulo losulelo olosulela ngokwabelana ngesondo nebacterial vaginosis ngendlela ekhawulezayo, efikelelekayo nengangeni nzulu emzimbeni.

Esi sixhobo sokuvavanya senzelwe injongo ethile sibona imolekhule zebhayoloji ezisegazini zokukrala kwamalungu angasese abangwa lusulelo olunjalo.

Kukonke, ukwehlisa inani losulelo lwe-HIV kunye neengxaki zokuzala ezinxulunyaniswa nosulelo olosulela ngokwabelana ngesondo ne-bacterial vaginosis ezingabonwanga kuya kuba neempembelelo ezinkulu nezintle kwezoqoqosho nezentlalo.

I-GIFT, uvavanyo olukhawulezayo kwisayithi yokhathalelo, lunokuphucula ulawulo losulelo olosulela ngokwabelana ngesondo (sexually transmitted infections) (ii-STI) nebacterial vaginosis (BV).

Presented in association with the Institute of Infectious Disease and Molecular Medicine, this programme forms part of #theArtofResearch, an initiative of research communication specialists Jive Media Africa.

ACTIVATING AFRICAN KNOWLEDGE
Jive Media Africa